

# UKUBLOKA

Konke ofuna ukukwazi...  
kodwa ubusoyika ukubuza

IZIZA	INKUNKUMA YASEGARAJI*	INKUNKUMA YASESITIYENI ECOCEKILEYO **	I-OLI YEZITHUTHI	IINKONKXA NESINYITHI	AMAPHEPHA	IIKHADIBHODI	IGLASI	IPLASTIKI	INKUNKUMA YEZINTO ZOMBANE	INKUNKUMA ECOCEKILEYO YEZINTO ZOKWAKHA*	IPOLY-STYRENE	ITETRAPAKI
ATLANTIS Dassenberg Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
BELHAR Adam Tas Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
DE GRENDEL Cnr 5th Ave and Bertie Genade St, Parow	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
DELFT Fabriek Street	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
GORDON'S BAY Sir Lowry's Pass Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
HOUT BAY Main Road, near Mandela Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
KILLARNEY Potsdam Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
KOMMETJIE Kommetjie Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
LADIES MILE Ladies Mile Road, Constantia	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
MACASSAR Kramat Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
RAVENSMEAD Industrial Ring Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
RETREAT 10th Avenue	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
SCHAAPKRAAL Old Schaapkraal Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
SEA POINT Tramway Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
SIMON'S TOWN Blue Waters Close	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
TYGERDAL Orange Street	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
WELGELEGEN Akademie Street	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
WYNBERG Rosmead Avenue	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
WOODSTOCK Beach Road	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓

IZIZA EZIKUFUPHI ZOKULAHLA INKUNKUMA	INKUNKUMA YASEGARAJI*	INKUNKUMA YASESITIYENI ECOCEKILEYO **	I-OLI YEZITHUTHI	IINKONKXA NESINYITHI	AMAPHEPHA	IIKHADIBHODI	IGLASI	IPLASTIKI	INKUNKUMA YEZINTO ZOMBANE	INKUNKUMA ECOCEKILEYO YEZINTO ZOKWAKHA*	IPOLY-STYRENE	ITETRAPAKI
ATHLONE REFUSE TRANSFER STATION Settlers Way**	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
KRAIFONTEIN REFUSE TRANSFER STATION Cnr Maroela and Sandringham Roads	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓

IZIZA ZOKULAHLA INKUNKUMA	INKUNKUMA YASEGARAJI*	INKUNKUMA YASESITIYENI ECOCEKILEYO **	I-OLI YEZITHUTHI	IINKONKXA NESINYITHI	AMAPHEPHA	IIKHADIBHODI	IGLASI	IPLASTIKI	INKUNKUMA YEZINTO ZOMBANE	INKUNKUMA ECOCEKILEYO YEZINTO ZOKWAKHA*	IPOLY-STYRENE	ITETRAPAKI
BELLVILLE SOUTH LANDFILL SITE	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
COASTAL PARK LANDFILL SITE	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓
VISSERSHOK LANDFILL SITE	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓	✓

**Kumiselwe intlawulo entsha efikelela kuma-R57 (kuqukwa neRhafu-ntengo) yomthwalo wamaqhekeza abakhi ongaphezu kwe-1,3 yeetoni. Imithwalo engaphantsi kwe-1,3 yeetoni isesimahla.**

\*Yiloli enye (1) enomlinganiselo wethoni ezi-1,3 yenkunkuma yasegaraji kunye nenkunkuma ecocekileyo yezinto zokwakha yomntu ngamnye ngemini.  
 \*\*Ziloli ezi-3 kuphela ezinomlinganiselo weethoni ezi-1,3 zenkunkuma ecocekileyo yasesitiyeni eya kwamkelwa kumntu ngamnye ngemini. Qaphela: Inkunkuma yaseGaraji ichazwa njengayo nayiphi inkunkuma yasekhaya ngaphandle kwenkunkuma yakwindawo yokuhlala, inkunkuma ecocekileyo yezinto zokwakha okanye inkunkuma ecocekileyo yasegadini efumaneka kwiipropati zokuhlala. Inkunkuma ecocekileyo yasegadini ichazwa njengezityalo ezininzi ezibangwa ngumsebenzi wokulima kwiipropati ezicandelwe nezisetyenziselwa iinjongo zokuhlala kummandla wolawulo lwesiXeko saseKapa. Inkunkuma ecocekileyo yezinto zokwakha ichazwa njengenkunkuma equka amaqhekeza ezitena, iintlalutye zentlabathi, isamente, udaka nezinye izinto zokwakha ezifana nezi, kodwa ngaphandle kwamaphepha, iplastiki, amaplanga aneplastiki, iglasi, inkunkuma yezinto zenkencke okanye eziyingozi. Inkunkuma ecocekileyo yokwakha isetyenziselwa ukwakhiwa kweendlela zethutyana kwiziza ekulahlwa kuzo inkunkuma ngoko kufuneka zingonakalisi amavili ezithuthi.

Inombolo **0860 103 089** Ulawulo lwe Nkunkuma



CITY OF CAPE TOWN | SIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

iinkonzo zamanzi nococeko



**ICandelo loLawulo lweenkonzo zaManzi leSixeko laseKapa linoxanduva lokulawula nokunonophela imingxunya yemibhobho yamanzi ebukhulu obungama-650 km, imibhobho yothungelwano ngamanzi engama-±10 000 km, amaziko emisebenzi yococeko lwamanzi ali-10, imibhobho yogutyulo lwamanzi engama- ±9000 km namaziko emisebenzi yogutyulo lwamanzi amdaka angama-23.**

Inkqubo yogutyulo yeSixeko isebenza phantsi koxinzelelo olumandla kuba iye ixhathazwe/isetenziswe kakubi, amaxesha amaninzi kungaziwa, ngabantu nje abangayaziyo enye indlela yokulahla inkunkuma yabo.

Cinga ngempembelelo kwinkqubo yayo nayiphina into ngaphandle kwezo kufuneka zigungxulwe kwithoyilethi ( umchamo, ituwa, iphepha langasese) okanye nakwisinki yasekhitshini ( amanzi , isepha yezitya), ezithi zingene kwimibhobho yogutyulo kwaye ekugqibeleni zibangele ukubhloka.

## Kubangelwa yintoni ukubhloka?

Izinto ezingunobangela wokubhloka zezi zilandelayo: amafutha, amasuntswana amalaphu amadala, iithemponi, iinwele, iingcambu, isanti, iphepha-ndaba, amanapukeni alahlwayo, ubugoxo bokwakha, i-oli, amatye, iiplastiki, izinto ezibukhali, izixhobo zokutya nemibundlwana engekazalwa.

- Amafutha yeyona ngxaki iphambili kuba aye akhele ngaphakathi kwiintlobo ezithile zemibhobho yogutyulo. Aye asebenze njengeglu ethi itsale amasuntswana amalaphu, iinwele, amaphepha, iiplastiki kwaye ngexesha elingephi ,kwenzeke ukubhloka.
- I-Oli, iParafini, iPeyinti njlnj, zithi zingcolise amawaka eelitha zamanzi ogutyulo kwaye zibangele ingxaki enkulu kumaziko emisebenzi yococeko lwamanzi.
- Ukukhutshelwa kwamanzi esitshi (emvula) kumjelo wogutyulo oku kungathi kubangele ubunzima kumjelo lo kwaye luwugcwalise ngokupheleleyo, okunokuthi kubangele ugutyulo ukuba luphumele ngaphandle, lunkcenkeze esitratweni.

## Amanyathelo okhuselo

Kungathathwa la manyathelo okhuseleko/othintelo ukuze kuqinisekiswa ukuba ubhloko kwisixhobo sogutyulo luthi luthintelwe kangangoko.

- Vumela amafutha (aphuma kukutya okunamafutha xa upheka) ukuba aphole kwaye aqunungane okanye abeyinto engqindilili/eqinileyo. Asakube eyinto eqinileyo, wabophelele ngephepha okanye uwafake engxoweni phambi kokuba uwafake kumgqomo wenkunkuma othi uqokelelwe rhoqo ngeveki.
- Amasuntswana amalaphu amadala, amaphepha, iithemponi namanapukeni alahlwayo kufuneka zilahlwe kumgqomo ofanelekileyo wenkunkuma wekhaya okanye umgqomo wococeko othi unikezelwe ngamashishini.
- Isanti iye ingene kwisixhobo sogutyulo ngenxa yoqhagamshelwaniso olungekho-mthethweni lwemisele yamanzi esitshi. Abahloli bezakhiwo kufuneka baqinisekise ngohlolo olugqibeleleyo kuzo zonke izakhiwo ngaphambi kokuba batyikitye iphepha lokuhlola. Emzini wakho, tshayela isanti ekwimisele yogutyulo/ekwiidreyini kwaye uyilahle ngemilinganiselo emincinane kumgqomo wekhaya wenkunkuma kwisiza sokulahlwa kwenkunkuma esikufutshane nawe.
- Iingcambu zemithi ezikhula kwisixhobo sogutyulo zixhaphakile. Ubume bendawo le iye ilungele ukukhula kwezi ngcambu kwaye akufumaneki sisombululo esifanelekileyo kulo mbandela ngaphandle kokuba usuke uwugawule umthi lowo.
- Ubukhulu becala ubugoxo bolwakhiwo buye bungene kwisixhobo sogutyulo xa oonokontra/abokhi baye balahla obu bugoxo kwimisele emikhulu yogutyulo apho iye iphumele kwisixhobo sogutyulo.
- Oku kuye kubangele uxinzelelo olungafanelekanga kwisixhobo esi.
- Umbandela wokulahlwa kwe-oli ngokungekho-mthethweni wenzeka kwimimandla yemizi-mveliso kunye nakwiigaraji. Oku kungathi kuthintelwe kuphela ngokuthi kwenziwe uhlolo rhoqo .
- ngamanye amaxesha kuye kufunyanwe imibundlwana engekazalwa kwisixhobo sogutyulo
- Musa ukuhluzela amanzi emvula avela kuphahla nakwi pavemente kumsele wogutyulo.

- Qinisekisa ukuba iziciko okanye iintsimbi eziziciko zemingxunya eyombiweyo zihlala zikhona yaye le mingxunya mayisoloko ivaliwe. Oku kunqanda ivumba kunye namaphela ukuba angaphumi kule mibhobho yaye kukwanqanda nokuba Isanti, amatye, izikhuni, nezinto zokudlala abantwana , njalo njalo zingangeni kwimibhobho yesuweji
- Musa ukuzama ukugutyula idreyini yakho ngokwakho. Cela umntywini/iplamba ukuba ikuncede.

## Imisele/iidreyini zamanzi emvula

Iidreyini zamanzi emvula ubukhulu becala ziye zisetyenziswe ngempazamo/ ngendlela engeyiyo njendawo yokulahlala amanzi amdaka. Kufuneka kuqatshelwe ukuba iidreyini zamanzi emvula zibonelelwa/zenziwe ngumasipala kuphela ukuze zigutyule amanzi emvula ashiyekelelo oko ke kuthi kucuthe ukhukhuliseko. Xa ezi dreyini zisetyenziselwa njengeendawo zokulahlala i-oli, amafutha, ubugoxo bokwakha nezinye izinto oko kuye kubangele ukubhloka kwisixhobo sogutyulo kwakhona abemakhulu amathuba okhukhuliseko xa kuthe kwehla imvula/kwana.

## Musa ukuzama ukugutyula idreyini yakho ngokwakho. Cela umntywini/iplamba ukuba ikuncede!

Nceda uchaze naziphina iigradi zamanzi esitshi ezophukileyo okanye ezilahlekileyo imibhobho yothungelwano yamanzi emvula, izigqubutheli/ izigqubutheli zedreyini ezivulekileyo kwiZiko eliSebenza ngoBugcisa kwiinyure ezingama-24:

**Inombolo yoncedo: 0860 103 089**  
**I-imeyile: [WaterTOC@capetown.gov.za](mailto:WaterTOC@capetown.gov.za)**  
**I-SMS: 31373 unike iinkcukacha**  
**(Oonobumba abangadlulanga kwi-160)**